

Ukudibanisa amanzi amdaka namanzi emvula



Unakho ukudibanisa ngempumelelo amanzi amdaka namanzi emvula agciniweyo ukuncenkeshela igadi yakho. Ezinye izixokelelwane zamanzi amdaka zinakho ukufakelwa isivalo esithontsiza amanzi kwitanki yamanzi emvula ukungenisa amanzi kwisixokelelwane samanzi amdaka ngeqondo eliphantsi. Buza kumthengisi wakho wezixokelelwane ukuba ziziphi izinto ehamba nazo yaye siya kulungiswa kusini na xa sonakele.

5



5 Unakho ukudibanisa ngempumelelo amanzi amdaka namanzi emvula agciniweyo ukuncenkeshela igadi



Lumka!



Khusela isiXeko sethu!



Khusela imeko-bume esiNgqongileyo!



Yonga aManzi aselwayo!



Yiba yinxalenye yesisombululo ufakele isixhobo sokugcina amanzi amdaka namhlanje!

Ulwazi olubalulekileyo



IZIKO LONCEDO NGEMINXEBA LESIXEKO SASEKAPA

Umnxeba: 0860 103 089

lingcebiso ingcaciso yokonga amanzi, ezinye iindlela zokusebenzisa amanzi, ukugqabhuka kwemibhobho, ukuvala kwayo nolwaphulo-mthetho lwemiqathango yokusetyenziswa kwamanzi

UMBUTHO OJONGENE NAMAQUA AMANZI EMZANTSI AFRIKA (BOREHOLE WATER ASSOCIATION OF SOUTHERN AFRICA)

Umnxeba: 011 447 0851

Ngoluhlu loonokotraka bamaqua amanzi kwingingqi yakho

ISEBE LEMICIMBI YEZAMANZI

Umnxeba: 012 336 8125/8046

Ingcaciso nge-Akhwifa/ngomgangatho wamanzi aphantsi komhlaba

KIRSTENBOSCH BOTANICAL GARDEN

Umnxeba: 021 799 8783

lingcebiso/ingcaciso ngokulima ngobulumko

UMTHETHO KAMASIPALA WAMANZI

IPhepha-ndaba likaRhulumente 6378: 01/09/06

EZINYE IINCWADANA KOLU LUHLU:

- Intshayelelo kwimithombo engeminye yamanzi (incwadana yoku-1 kwezi-4)
- Amaqula/imithombo yamanzi (incwadana ye-2 kwezi-4)
- Ukuzigcinela amanzi emvula (incwadana ye-4 kwezi-4)

IZiko loNcedo ngomnxeba lesiXeko saseKapa:

0860 103 089

SMS: 31373 (oonobumba abali-160)
I-imeyile: WaterTOC@capetown.gov.za



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

AMANZI NOCOCEKO



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

UKUSETYENZISWA KWAKHONA KWAMANZI AMDAKA



IMithombo yaManzi engeMinye

Incwadana ye-3 kwezi-4



Yiba yinxalenye yesisombululo Amanzi ethu, igugu lethu

Intshayelelo

Amanzi anqabile kwilizwe lethu yaye kucingelwa ukuba iNtshona Koloni iya kuba sisithili sokuqala ukuphelelwa ngamanzi ngaphandle kokuba kukho amanyathelo athatyathwayo ukulawula imfuneko yamanzi ngobuchule.

Yintoni amanzi amdaka?

Amanzi amdaka achazwa njengamanzi asezbhafini, kwiishawa nakwizitya zokuhlambela izandla. Amanzi amdaka akhutshwa kwizitya zokuhlambela zasekhitshini nakoomatshini bokuhlamba impahla (ngaphandle kokuba kusetyenziswa iisepha zokuhlamba impahla ezingenabungozi kokusingqongileyo) akabandakanywa apha ngenxa yokungcola okuqinileyo okufumaneka kuwo nempembelelo engathandekiyo yezithambisi-mpahla neminye imichiza enganqwenelekiyo kokusingqongileyo.

Amanzi amdaka angasetyenziswa kakuhle ukunkcenkceshela igadi nokugungxula ngasese. Zininzi izixhobo zokugcina nokusebenzisa amanzi amdaka ezithengiswayo, ezinye ziyafikeleleka ngokwexabiso yaye kulula nokuzifakela.

Igadi zethu zisebenzisa phakathi komyinge wama-30% nama-50% awo onke amanzi asekhaya asetyenziswayo. Ukusetyenziswa kwakhona kwamanzi amdaka ngabasebenzisi bamanzi kuya kucutha uxinzelelo kweminye imithombo nezibonelelo zamanzi.

Isixokelelwane samanzi amdaka sinokwenza oku:

- Ukonga amanzi aselwayo axabisekileyo
- Ukonga imali yakho kunye
- Nokucutha uxinzelelo kwindalo esingqongileyo

Ukuqhagamshela isixokelelwane samanzi amdaka

Isixokelelwane sakho samanzi amdaka singaqhagamshelwa ngokulula kwimibhobho ephantsi komhlaba ngaphandle kwendlu yakho – nokuba uzenzela ngokwakho okanye ngumthengisi waso.

Umthengisi wesixokelelwane samanzi amdaka uya kukunika umbhobho wamanzi omnye okanye emininzi kunye nezifefezi, zondlalwe egadini. Kananjalo umthengisi wakho uya kukunika impompo eyomelele eza kumpompela kwizifefezi ezimbini ngaxeshanye, ethatha ukufikelela kuma-60 m² yegadi yakho ngaxeshanye.

Ukugcina amanzi amdaka

Umgaqo ophambili wamanzi amdaka kukungawagcini. Amanzi amdaka agciniweyo akhokelela ekudalekeni kwezifo, nezinokuba yingozi kwimpilo yethu yaye anevumba elibi. Ngako oko ke amanzi amdaka akhutshelwa kwangelo xesha egadini.

Ukuba kukho imfuneko yokugcina amanzi amdaka, makugalelwe izinto zokucoca lo manzi ukuwahlaziya.



Iimpembelelo zezihlambululi kumanzi amdaka aseadini yakho

Khumbula, xa usebenzisa amanzi amdaka ukunkcenkceshela igadi yakho, naziphi na iimveliso nezithako ezisetyenziswe ebhafini okanye kwishawara ziya kungena egadini. Uninzi lwezihlambululi ziqulethe ngobunzima isinye kwisithathu sesihlambululi esingenanto (i-phosphate), nesiya kuthi sikhule apha emhlabeni ngalo ndlela sibe yiityhefu kwizityalo zakho kwisithuba esimalunga neminyaka elishumi elandelelanayo.

Ngako oko, kucutyiswa ukuba kungcono ukusebenzisa izihlambululo ezikulungeleyo okusingqongileyo ezingenayo i-phosphate. Uninzi lwezi zihlambululi ziba nophawu olubonisa ukuba azinabungozi kokusingqongileyo kwipakethe yazo.

Kananjalo usenokusebenzisa amagaqana esoda, asebenza kakuhle nawo ukuxubisa nokunyibilikisa amafutha kwimpahla yakho.

Isixokelelwane samanzi amdaka nevumba

Amanzi amdaka ayalenza ivumba elibi ngexesha kunkcenkceshelwa, kodwa lithi liphele kwimizuzwana emva kokunkcenkceshela.

Umthengisi wesixokelelwane samanzi amdaka uya kukunika imiyalelo yokulondoloza esi sixokelelwane, nekudla ngokuthatha imizuzwana embalwa ngeveki ukuqinisekisa ukuba isixokelelwane sakho samanzi amdaka asinavumba.

Ukuqhagamshela isixokelelwane sakho sokunkcenkceshela kweso samanzi amdaka

Ungaze umpompele amanzi amdaka kwindawo evulekileyo etsaza amanzi okanye kwizifefezi zohlobo lwe-Microjet. Nokuba sekukho izihluzi ezikudidi oluphezulu, isixokelelwane esi siya kuvaleka kwisithuba seeveki okanye kwiintsukwana ezimbalwa. Kungenxa yoku ke umthengisi wesixokelelwane eya kukunika imibhobho efunekayo, amathumbu amanzi nezinto zokufakela kwimibhobho ezilungele izifefezi ezithile.

Ukusebenzisa amanzi amdaka kwigadi yeentyantyambo

Ukuba usebenzisa iimveliso ezingenabungozi kokusingqongileyo kwikhaya lakho, amanzi amdaka asulungeke kakuhle ukuba uwasebenzise kwigadi yakho yeentyantyambo.

- 1 Sebensiza izifefezi ukunkcenkceshela amanzi akho amdaka ukuthintela ukuvaleka kwemibhobho.
- 2 Isixokelelwano samanzi amdaka esifikelekayo esinokufakelwa lula ngumini-propati.
- 3 Amanzi amdaka ayilungele kanye igadi yeentyantyambo.
- 4 Isixokelelwane samanzi amdaka esiphucukileyo esinokombelwa phantsi komhlaba.